

UNksk. Angie Motshekga,
uMphathiswa wemfundo esisiSeko



UMnu. Enver Surty
uSekela Mphathiswa wemfundo esisiSeko

Ezi ncwadi zokusebenzela, iRainbow Workbooks, zonyaka wokwamkela abafundi abaqalayo (Grade R), ziyinxalenye yendlela yobuchule yeSebe leMfundo esisiSeko yokunyusa umgangatho wabantwana besikolo baseMzantsi Afrika. Iziphumo zophando zibonisa ukuba kunyaka ngamnye abathi abantwana banikwe amathuba okwenza imisetyenzana ekhuthazayo/enika umdla phambi kokufunda ibanga lokuqala, baqhuba kakuhle ezifundweni zabo kwiminyaka elandelayo – yonke iminyaka yokufunda kumabanga aphantsi nawasesekondari. Kungoko kugxininiswa ngamandla ekufundeni iBanga Labaqalayo.

Ikharityhulamu yesiGaba esisiSeko ifuna abafundi beBanga Labaqalayo banikwe ithuba lokuphuhlisa izakhono zabo zakwangaphambili zokufunda, zokubhala nezokubala kwaye ikwakhankanya izakhono eziyimfuneko ukuze bafumane isiseko semfundo eluqilima ukuze kube lula ukufunda kwibanga lokuqala nakwangaphaya.

Iincwadi zokusebenzela zeBanga Labaqalayo zijolise ekuncedeni abantwana baphuhlise ezi zakhono kunye neengqikelelo ezingundoqo ezifunekayo ukuze babe nesiseko esisiso sokufunda. Ezi ncwadi ziqulethe amathuba okuba aba bantwana baphuhlise kwaye basebenzise izakhono eziya kubalungiselela amabanga alandelayo.

Phambi kokuba abantwana bafunde ukufunda ngokusesikweni, kufuneka bafunde indlela yokubamba nokutyhila incwadi kunjalonje baqonde nendlela esebenza ngayo. Kufuneka baqonde ukuzalana okuphakathi kwemifanekiso namagama asencwadini, baqonde nokuba amagama enziwa zizandi kwaye anentsingiselo. Ngokunjalo, phambi kokuba bafunde ukubhala kufuneka baphuhlise izakhono zabo zokusebenzisa amalungu omzimba, baziqhelise ukwakha iimilo baze bagqibele ngokukwazi ukubhala oonobumba. Zezi zakhono kanye eziza kuphuhliswa zezi ncwadi zokusebenzela.

Siyazi ukuba abantwana bayashiyana ngokuqonda kwaye ezi ncwadi zenza ukuba ootitshala bakwazi ukusebenza ngesantya somfundi ngamnye baze babuye umva okanye baye phambili xa kuyimfuneko ngokwenkqubela yomfundi ngamnye. Imisebenzi ekhoyo iya kunceda ootitshala bakwazi ukuqaphela ubunzima obufunyanwa ngabafundi ekufundeni kwabo ukuze baziqwalasele ezo meko phambi kokuba umntwana aqale isikolo ngokusesikweni.

Ezi ncwadi zokusebenzela zihlanganisa ukufundwa kolwimi, izibalo kunye nezakhono zobomi ngemixholo engama-20, zisebenzisa iindlela ezonwabisayo nezisebenzisayo ukuze zibe nokutsala umdla womfundi. Siyathemba ukuba abafundi benu baya kukonwabela ukwenza imisetyenzana ekwezi ncwadi zokusebenzela njengokuba beya bekhula kwaye befunda, nokuba nawe njengotitshala wabo uya kwabelana nabo kolu yolo.

Rainbow WORKBOOKS

XHOSA HOME LANGUAGE
GRADE R – BOOK 3
TERM 3
ISBN 978-1-4315-0713-9
THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.

9 781431 507139

Aa Bb Cc Dd Ee Ff
Gg Hh Ii Jj Kk Ll Mm
Nn Oo Pp Qq Rr Ss Tt
Uu Vv Ww Xx Yy Zz
1 2 3 4 5 6 7 8 9 10

Ihlaziywe yaze yalungelelaniswa neCAPS

Ibanga Labaqalayo

# INCWADI YOKUSEBENZELA 3

| Igama: | Iklasi: |
| --- | --- |
| | |

basic education
Department: Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

INCWADI YOKUSEBENZELA YESIXHOSA

Incwadi yesi- 3

Ikota 3

Xhosa Lit GrR Book 3 Cover.indd 3 2014-08-13 03:33:38 PM

# Ibanga Labaqalayo

**IHLANGANISIWE**
- Ulwimi
- Izibalo
- Izakhono zoBomi

# Incwadi yokusebenzela


1 Ezothutho ........................................ 2

2 Imisebenzi eyenziwa ngabantu ........................ 12


3 Amanzi ........................................ 22

4 Efama ........................................ 32

5 Indawo enempilo ........................................ 42




Imiyalelo yemisiko ifumaneka ngasemva encwadini.



**Kutitshala:**
Kufuneka abafundi baziqhelise imisebenzi yabo kuqala phambi kokuba bayibhale kwiincwadi zokusebenzela. Umzekelo:

- Xa kufuneka abafundi babiyele impendulo echanekileyo, mabaqale ngokuphawula impendulo echanekileyo. Emva koko kufuneka baqinisekise kutitshala ukuba ichanekile ngenene na phambi kokuba babhale ezincwadini zabo.
- Xa umsebenzi ufuna bakhuphele, mabasebenzise iminwe yabo kuqala baze balandele ngokubhala.

**Qaphela:** Abafundi bakumanqanaba ohlukeneyo okuqonda. Ukuba unabafundi obaqapheleyo ukuba bafuna ukunikwa ingqalelo eyodwa ukuze baphuhlise izakhono zabo zokubamba, banike ithuba lokuziqhelisa kwiincwadi zabo zokubhala ezinemigca bade bazithembe ngokwaneleyo ukuba babhale ezincwadini zabo zokusebenzela.





ISIXHOSA

Incwadi yesi-3

Ikota 3




Masenze



Biyela ngesangqa imifanekiso ngombala ochanekileyo.

- Sesiphi isithuthi esihamba emhlabeni?
- Sesiphi esihamba emanzini?
- Sesiphi esihamba emoyeni?








Masithethe

Jonga imifanekiso uze uthethe ngokubonayo.
Zingaphi iintlobo zezithuthi ozibonayo?
Bangaphi abantwana abawela kwindawo yokuwela abahambi ngeenyawo?
Usebenzisa esiphi isithuthi xa usiza esikolweni?
Bangaphi abantwana baseklasini yakho abahamba ngeenyawo xa besiya esikolweni?



TEACHER: Sign ______ Date ______

## 1.7




**Masithethe**

Jonga le mifanekiso uze uthethe ngokubonayo.
Ingaba ezi ntlobo zezithuthi zitshintshe njani xa uthelekisa nakudala?
Ingaba zeziphi izithuthi ezihamba emhlabeni, emanzini nasemoyeni?
Zeziphi iintlobo zezithuthi ezinamavili?
Khuphela amavili uze uwafake imibala.









2.8

Masibhale Fakela unobumba u-**m** uze umamele izandi xa ubiza la magama ukhwaza.



imengo



imela






imali



umama



amanzi




imoto

Bhala igama lakho uze uncamathelise unonca womsebenzi omhle.

Igama lam ndingu

# 3 Amanzi





Masithethe

Zeziphi izilwanyana ezihlala emanzini?
Sesiphi isithuthi sasemanzini osibonayo?
Ingaba abantwana basebenzisa ntoni ukuze badade ngaphezulu?
Zeziphi izinto ozaziyo ezikwaziyo ukudada phezu kwamanzi?
Zeziphi izinto ezingakwaziyo ukudada emanzini?








4.1








Masenze

Ncamathelisa iziqhamo okanye imifuno kwikholamu echanekileyo. Thetha malunga nencasa yesiqhamo nomfuno ngamnye okanye indlela ezivakala ngayo? Xela amagama azo uze uqhwabe ngesingqi segama elo (i/kha/phe/tshu).

Ncamathelisa oononca kwizikhewu ezichanekileyo.

| isiqhamo | |
|---|---|
|  |  |
| i-apile | i-orenji |
|  |  |
| idiliya | ibhanana |
|  |  |
| ipayina | ipere |
|  |  |
| ipopo | ipesika |

| imifuno | |
|---|---|
|  |  |
| iimbotyi | ikhaphetshu |
|  |  |
| ii-ertyisi | isipinatshi |
|  |  |
| itapile | iminqathe |
|  |  |
| umbona | ithanga |

4.4




Masithethe

Jonga umfanekiso uze uthethe ngokubonayo.
Benza ntoni abantu?
Ingaba zeziphi iimveliso ezahlukeneyo ozifumana kule fama?
Ingaba silufumana phi ubisi?
Kokuphi okunye ukutya okwenziwa ngobisi?
Siyifumana phi iwulu?
Ingaba iwulu siyisebenzisa ekwenzeni ntoni?
Ingaba siwafumana phi amaqanda?
Ubusi bona sibufumana entweni?

4.8




Masibhale Fakela unobumba u-**g** uze umamele isandi xa ubiza la magama ukhwaza.



igusha



igolide




igeyithi



igilasi



igubu




isigodo

Bhala igama lakho uze uncamathelise unonca kumsebenzi wakho omhle.



Igama lam ndingu

TEACHER: Sign ________ Date ________



Ncamathelisa oononca kwizikhewu ezichanekileyo.

Masithethe

Jonga umfanekiso uze uthethe ngokubaluleka kwendawo ecocekileyo.
Benzani abantwana ukucoca ibala lokudlala?
Singazisebenzisa njani iitoti namaphepha amadala?

TEACHER: Sign _______ Date _______

5.1




Masenze


Zeziphi izinto zobugcisa onokuzenza ngeplasitikhi okanye ngephepha elidala? Sebenzisa oononca bakho ubonise ukuba ungawahlela njani amaphepha amadala, iplasitikhi kunye neglasi kwimigqomo eyahlukeneyo ukuze zibe nokusetyenziswa kwakhona.

Ncamathelisa oononca kwizikhewu ezichanekileyo.


## Iglasi



## Amaphephaa



## Iplasitiki



## 5.5



**Masithethe**

Jonga imifanekiso uze uthethe ngokwenzekayo ebusika.
Wenza ntoni ukuzigcina ufudumele ebusika?
Ingaba zichaphazeleka njani izityalo?
Zichaphazeleka njani izilwanyana?
Sitya ntoni, sidlala ntoni size sinxibe ntoni ebusika?





# Imisiko







**Umdlalo wokukhumbula:**
Tshofa amakhasi uze uwabeke etafileni ubuso bujonge phantsi. Phequla amakhasi abe mabini ngexesha. Ukuba ayafana wabeke ecaleni. Khangela ukuba ngubani oza kugqiba kuqala ukuwabeka ecaleni onke.
Sebenzisa amakhasi akho okukhumbula uze udlale usinepi nomhlobo wakho.





**Amakhadi olandelelwano:**
Sika la makhadi uze uwabeke ngokokulandelelana kwawo emva koko ubalise ibali lokwenzekayo ngokokulandelelana kwalo.








**Incwadi yokufunda:**
Landela le miyalelo uze wenze le ncwadi isikwayo. Yiya nayo ekhaya uze uyifundele abahlobo bakho kunye nabantu bakowenu.



Izilwanyana zifuna ukutya izityalo.





Kungekudala iitumato ziza kuba nkulu zibe bomvu.






Sinemifuno emininzi esiza kuyithengisa emalikeni.



# Sityala imbewu




UNomsa noSam basebenza esitiyeni semifuno yonke imihla.



Ndiza kutya imato ngesidlo sam sasemini.





UNomsa unkcenkceshela izityalo.



Kungekudala siza kutya iitomato.







Wonke umntu weza kubona isitiya.



Kufuneka uSara alale. Uziva eshushu kakhulu.





USara unerhashalala. Uzele ngamabala.





USara uphilile kwakhona. Angabuyela esikolweni. Angakwazi nokudlala nabahlobo bakhe.



Incwadi oya nayo ekhaya


# Ukuya kwagqirha





USara uya kwagaqirha.
Ugqirha uthi kufuneka ahlale ekhaya.





Kufuneka uSara alale.
Uziva eshushu kakhulu.





USara uyagula akakwazi nokutya isidlo sakhe sakusasa.





USara usela amayeza.